



Isalathiso: 20200821-7611
Inombolo yefayili: 13/1/3
Imibuzo: M Combrink

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0011/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharithulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela Balawuli abaziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ulawulo lotshintsho apha naphaya lweemvavanyo/iminyinyiva (assessment accommodations/concessions) ngethuba lokuqhutywa kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC)

1. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye nala maxwebhu alandelayo:

Uxwebhu loMgaqo-nkqubo	Isihloko	Iziqulatho
ISetyhula 0017/2016 yomhla we-19 Apreli 2016	<i>Ulawulo lotshintsho apha naphaya lweemvavanyo/iminyinyiva ukulungiselela abafundi abafumana izithintelo ekufundeni nakuvavanyo: kumaBakala R-12, nokulungiselela abafundi abacela ukuba ngabamanye amazwe (immigrant status) ukulungiselela iinjongo zovavanyo kumaBakala 4-12</i>	Inika umgaqo-nkqubo nenkqubo yolawulo lotshintsho apha naphaya lweemvavanyo.
INgcaciso eMfutshane Assessment yoLawulo lweemvavanyo 0005/2017, yomhla we-16 Matshi 2017	<i>Isikhokelo esingaphezulu solawulo lotshintsho apha naphaya lweemvavanyo/iminyinyiva ukulungiselela abafundi abafumana izithintelo ekufundeni nakuvavanyo:</i>	Ukusetyenziswa komgaqo-nkqubo oyi-SIAS policy kwinkqubo yezicelo zotshintsho apha naphaya kwiimvavanyo

	<i>kumaBakala R-12 nokulungiselela abafundi abacela ukuba ngabamanye amazwe (immigrant status) ukulungiselela iinjongo zovavanyo: kumaBakala 4 –12</i>	Ukuhlaziywa kolawulo lotshintsho apha naphaya lwemvavanyo.
INgcaciso eMfutshane 0001/2019, yomhla we-28 Januwari 2019	<i>Ukufakelwa kwezilungiso kwisikhokelo solawulo lotshintsho apha naphaya lweemvavanyo/lweminyinyiva ukulungiselela abafundi abafumana izithintelo ekufundeni nakuvavanyo: kumaBakala R-12. nokulungiselela abafundi abacela ukuba ngabamanye amazwe (immigrant status) ukulungiselela iinjongo zovavanyo: kumaBakala 4-12</i>	Inika inkqubo emayilandelwe ngaphambi kokufaka isicelo sotshintsho apha naphaya kwimvavanyo. Akukho zicelo zitsha zotshintsho apha naphaya kwiimvavanyo/zeminyinyiva kwiBakala 12.

2. Bonke abafundi abakufaneleyo ukuqwalaselwa utshintsho apha napha lweemvavanyo/iminyinyiva kwiimviwo zabo zeBakala 12, bafanele ukuba babezingenise izicelo ezichaphazelekayo kunyaka weBakala 10 wabo ukuqinisekisa ukuba kuya kubakho ixesha elaneleyo lokuba umfundi makaziqhelanise notshintsho apha naphaya lweemvavanyo/iminyinyiva evunyiweyo baze ngolo hlobo bancedakale kuyo.
3. Injongo yotshintsho apha napha kwiimvavanyo/iminyinyiva kukunika ithuba abafundi abafumana izithintelo ezithile ekufundeni ukuba babonise izakhono zabo kwiimviwo ngaphandle kokutshintsha indlela oluqhutywa ngayo uvavanyo. Nakuba kunjalo, akufunekanga ukuba oku kudlelelele abanye abafundi.
4. **IsiHlomelo A** sinika izikhokelo zokulawulwa kotshintsho apha naphaya/iminyinyiva ngethuba lokuqhutywa kweemviwo.
5. Ngokuthathela ingqalelo iiprothokholi ezikhoyo ze-Covid-19, kubonelelwe ngezi zikhokelo kwiimeko apho abafundi banabantu bokubabhalela/banabantu bokubafundela (*scribes/readers*):
 - 5.1 Ukutshelishwa kweqondo lobushushu bomzimba nokuhlolwa kufuneka kufane kumntu wonke ongena esikolweni. Ukuba amaqondo obushushu bomzimba aphakamile kakhulu (ngaphezu ko-37.5 degrees), umntu lowo akufunekanga avunyelwe ukuba angene.

- 5.2 Bonke abantu abangena esikolweni kufuneka banxibe iimaski zobuso zelaphu ezigquma impumlo nomlomo. Kufuneka basebenzise isibulala-ntsholongwane kwizandla zabo phambi kokuba bangene kwisakhiwo sesikolo.
- 5.3 Bonke abantu abangena kumasango esikolo kufuneka baqale benze idinga nenqununu okanye nalowo kugqithiselwe kuye amagunya. Ngako oko, abantu bokubhalela abafundi/abantu bokufundela abafundi (*scribes/readers*) kufuneka bakuxele ukufika kwabo kulowo kugqithiselwe amagunya kuye kuqala, apho kufuneka baziswe ngokuqhubekayo ngokungqinelana neeprothokholi ze-Covid-19 esikolweni.
- 5.4 Ukusebenzisa izibulala-ntsholongwane ezandleni makwenziwe kwiminyango yawo onke amagumbi. Emva koko, ukusebenzisa isibulala-ntsholongwane rhoqo ngokwenkqubo yesikolo kufuneka kwenziwe njalo.
- 5.5 Kufuneka kubekho ukuqelelana (*social distancing*) phakathi komntu obhalela umfundi/komntu ofundela umfundi (*scribe/reader*) kunye nomfundi besithuba esiyi-1.5 iimitha ubuncinane.
- 5.6 Iirekhodingi mazenziwe kuzo zonke iimvavanyo apho kukho abancedisi babaviwa ingabantu abaphilayo. Ukuba kunzima kumntu obhalela/ofundela umfundi ukuva okuthethwayo, imaski mayisuswe kangangelo thuba lokuthotyelwa komqathango omiselweyo weemitha eziyi-1.5. Izikhuseli zobuso (*face shields*) okanye izikrini zedesika (*desk screens*) nazo mazithathwe njengenye indlela yokuvumela ukhuseleko nokwenzela ukuphuculwa kokuphuma kwesandi.
6. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala, abagadi babaviwa kunye nabazali ukuqinisekisa ukuba bonke abathathi-nxaxheba bayaziswa malunga nokulawulwa kotshintsho apha naphaya/iminyinyiva ngethuba lokuqhutywa kweemviwo ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO

UMHLA: 2020-09-16